


Inyanga ne Kepisi

Noni

isiXhosa





Sonke saya kwitheko
lorhwebo eDasara.

Utata wathengela uChintu
iindondo ezinomtsalane.

Umama wandithengela
ikepusi eqaqambileyo
eluhlaza.

Ubhabha wafumana
iilekese.





Endleleni egodukayo,
umoya omkhulu weza.

Wavuthuza, ikepusi yam
yaphaphatheka.

Ikepusi yam yaxhaseka
esebeni lomthi omdala
wephayphali.





Ndalila kakhulu.

Kwaye andasitya isidlo
sam sangokuhlwa.

Emva kwexesha ngobo
busuku, inyanga yavela.

Yajonga ikepusi yam
emthini omdala
wePhayphali.





Yayilinganisa ikepusi yam.

Inyanga yancuma
ngolonwabo.

Ndancuma nam
ngokunjalo.

Ukuphuma kwesikolo
ngemini elandelayo,
umama wam wandipha
ikepusi ekhazimlayo,
entsha, ebomvu.

"Inyanga iyithumele,"
watsho.






Ngobo busuku, sobabini
inyanga nam sathwala
iikepusi zethu, sancuma.

Sasonwabile.

Ucinga ukuba ilanga lifuna
umnqwazi?





Qaqadisa yeypipi ikepusi
endiyithwalayo namhlanje?

Inyanga ne Kepisi

Writer: Noni

Illustration: Angie & Upesh

Translated By: Ntombizodwa Gxowa-Dlayedwa

Language: isiXhosa

© Pratham Books, 2007



This work is licensed under a Creative Commons Attribution
(CC-BY) Version 3.0 Unported Licence

Disclaimer: You are free to download, copy, translate or adapt this story and use the illustrations as long as you attribute or credit the original author/s and illustrator/s.



Pratham Books is a not-for-profit organization that publishes books in multiple Indian languages to promote reading among children. See www.prathambooks.org.



www.africanstorybook.org

A *Saide* Initiative